## Isibhedlele esingundaba-mlonyeni ngokuswela impatho kwizigulane ezongiw pha

**KOKSTAD: Imeko ayigculisi kwisibhedlele kule dolophu kuba kukho abo bavuka ngentseni babuye xa kutshona ilanga bengakhange bahoywe.**

Isibhedlele i-EG & Usher Memorial sesinye sezibhedlele ezidala kwiphondo laKwaZulu-Natal nebisikhe sanconywa kwiminyaka engaphambili, kodwa ngoku abahlali bathi kuyaphela ngaso siyabhubha bebhekile. Kwiveki ephelileyo NgoLwesithathu iPondo News igaleleke kwesi sibhedlele nalapho ifike xa kukho omnye umhlali exambulisana nabongikazi kwigumbi i-OPD, lo mhlali ebeme ngombuzo omnye ebuza ukuba baphi ooGqirha?

Abongikazi ebebelapho ngeloxesha bebebhibhidla amazinyo kungaphumi mpendulo. Lo mhlali uye kwakhona wabuza ukuba kutheni kusoloko kukho ubuso obutsha kooGqirha, nakulowo umbuzo akubangakho mpendulo, koko kubekho ukukhombana ngeminwe kuba omnye wabongikazi uthe lo mhlali uyathanda ukuthetha.

Ngokwemithombo yangaphakathi kwesi sibhedlele, ooGqirha abahlali xesha lide kwesi sibhedlele kuba kukho izityholo zokuba abanye abakwisikhokhelo kweli ziko lonyango abanasiphatho sihle. Le mithombo iqhube yathi, ukunqongophala kooGqirha kwiveki ephelileyo kubangelwe lucweyo(Workshop) obeluqhuba kwidolophu Ixopo. Uninzi lwabahlali abathethe nePondo News nebebeyekufuna unyango ngezigulo zabo ezohlukeneyo bavakalise ukuba bachitha imini yonke kungekho bani ubaxelelayo ukuba kwenzekani. Abanye bathe, xa ubuza kwabanye abongikazi, kuthiwa hlala phantsi ulinde njengabanye.

Othethela isebe lezeMpilo KwaZulu-Natal uNoluthando Nkosi uvakalise ukuba akukho ukunqongophala kooGqirha kwesi sibhedlele. Uqhube wathi, balishumi elinesibhozo ooGqirha, ukanti zimbini izithuba nalapho isebe likumalungiselelo okuzivala. "Abahlali ndiyabakhuthaza ukuba mabaxele kumphathi sibhedlele xa kukho ukungabonakali kukaGqirha. Abasebenzi xa kukho ukungoneliseki kufuneka baqonde ukuba zikho iindlela ezilandelwayo zokubika ukungoneliseki," kuqukumbela uNkosi.

UPHUHLISO KUMNTU WONKE

**UMZIMVUBU**
**LOCAL MUNICIPALITY**

## ERRATUM

### SUPPLY AND DISTRIBUTION OF ALTERNATIVE ENERGY (PARAFFIN) TO INDIGENT HOUSEHOLDS: REF UMZ/2019-20/BTO/FBE

Bidders Kindly Note **The Briefing for the above mentioned Project will be on the 03rd October 2019 at Mount Frere Community Hall at 10:00am.** All Tenders must be deposited in the Tender Box situated at Umzimvubu Local Municipality Offices at 813 Main Street, Mt Frere. Closing datee is on the **15th October 2019 not later than 12h00.**

**Enquiries:** All technical enquiries may be directed to **Mr. L. Matshoba** and SCM enquiries to **T. Mbukushe: 039 255 8555.**

Other enquiries regarding this Bid may be directed to the office of the **Municipal Manager:**

**G. P. T. NOTA**
**MUNICIPAL MANAGER**